


# ICORONAVAYIRASI

## MASIYINQANDE inganwenwi

### Kutheni kufuneka kukho umgama phakathi kwethu nabanye abantu?

- Xa umntu ekhohlela okanye ethimla, ushiya iintsholongwane kwimiphezulu yezinto nasemoyeni.
- Ungasulelwa yintsholongwane yecorona xa:
  - Ubamba imiphezulu yezinto okanye iindawo ezinentsholongwane uze uziphathe ubuso, amehlo, impumlo okanye umlomo okanye
  - Ukhe wasondelelana kakhulu nomntu onentsholongwane yecorona wade wawudlula nomgama oyi-1,5 iimitha.



iimitha eziyi 1.5

### Gcina umgama phakathi kwakho nabanye ukwenzela abe mbalwa amathuba okusasazeka kwecorona vayirasi

- Oku kuya kunceda ukukhusela abo basemngciphekweni kakhulu wokusulelwa yiCOVID-19, abo bangaphezulu kweminyaka engama-60 ubudala okanye abo baneHIV, TB, isifo seswekile, ihigh-high, isifo sentliziyo okanye ingxaki yemiphunga.
- Oku kuya kuthetha ukuhla kwamaxhala kwinkqubo yethu yezonyango ukuze abo bafuna uncedo ngonyango balufumane.

### Singawugcina njani umgama phakathi kwakho nomnye umntu?

Hlala ekhaya.



Ungaphuma endlwini kuphela xa usiya kufuna ukutya okanye amayeza.



Kuphephe ukuba kwiindawo zikawonke-wonke nakwizithuthi zomntu wonke kangangoko unako.

Gcina umgama ongange-1,5 iimitha phakathi kwakho nabanye abantu.



iimitha eziyi 1.5

Musa ukubamba isandla xa ubulisa, musa ukugona okanye ukuncamisa nawuphi na umntu ongengowakowenu.



Zirhoxise izicwangciso onazo zolonwabo: ungayi emathekweni, emidlalweni, ezintlanganisweni ungayi nakwimicimbi yamaqela ezenkolo.

Bonakalisa inkathalo kubantu ohleli nabo nakusekuhlaleni ngeli xesha ugcine umgama phakathi kwakho nabanye abantu.

liHotline:

0800 029 999 okanye 021 928 4102 okanye 0800 111 132

Ukufumana ezinye iinkcukacha:  
[www.westerncape.gov.za/coronavirus](http://www.westerncape.gov.za/coronavirus)



URhulumente  
weNtshona Koloni  
EzeMpilo



UNIVERSITY OF CAPE TOWN  
IYUNIVESITHI YASEKAPA • UNIVERSITEIT VAN KAAPSTAD